# Amagqabantshintshi malunga nale ncwadi

Le ncwadi ithi Zemk' inkomo magwalandini yintsimikazi enkulu onokuyahlula-hlula kuphume la manqwini namanqwinana:

- Ezembali ngokubhalelwa ngama-Afrika ngokwawo ebonisa imikhuba eyeza nabacinezeli bethu bantu baNtsundu
- Impikiswano phakathi kwamaXhosa malunga nonqulo lwemveli kunye nolu lutsha lobuKristu
- Impikiswano phakathi kwamaXhosa malunga nemfundo eze nabeLungu
- Imbali ngamahlelo ngamahlelo eenkonzo
- Iimbali nezibongo zezizwana ngezizwana ezakha lo mzi kaXhosa
- Amaqhalo
- Ubuchule bokuxoxa kwaXhosa

Zonke ke ezi zinto zidweliswe apha zinokusetyenziswa ziititshala zezifundo ngezifundo kuba zisixelela ukuba singobani na, aye amasiko ethu esithini na. Ng'ong'o kwezo zizwe zizilahlekisa ngokwazo ngokuthi amaXhosa afana nje nenkwethu. Akunjalo. Iititshala zezeembali (history), ezoncwadi olubhaliweyo nolungabhalwanga, ezolwimi lwesiXhosa, ezoNqulo, njalo njalo, zingayisebenzisa le ncwadi.

Le ncwadi ebhalwe ziingcibi ngeengcibi zesiXhosa nobuXhosa imelwe kukuba ifundwe ngabo bonke abantu abangamaXhosa ukusukela kwibanga R ukuya koobawo noomakhulu emakhaya. Le nto ndiyithethiswa kukuba maninzi amaqobola amoshe ngokukodwa ukusukela ngowe-1961 ukuza kuthi nyi apha kowe-1990 – ekhupha izinto ezikhangeleka okweencwadi ziyimiququ yokupupuzwa ipupuzelwa phaya kude.

Mzi kaXhosa nantsi incwadi: caphulelani onke amabanga niwalinganisele ngokwemigangatho, athi oku-A alinganiselwe ngokokubhadla kwakhe, athi oku-12 alinganiselwe ngokomgangatho akuwo, njalo njalo.

Abafundi bale ncwadi mabaqaphele ukuba amagama esiXhosa abhalwe ngendlela engaqhelekanga kule mihla siwayeke enjalo ukubonisa imbali yokukhula kwesiXhosa ukusukela kwinkulungwane yeshumi elinethoba (19) ukuza kuthi ga namhlanje.

Ndiyabuya

S C Satyo
UmNywabe
Phantsi kweNtaba YeTafile
16 Tshaziimpuzi 2002

# Ngubani uRubusana

UWalter Benson Rubusana (umCirha) wazalelwa eSomasethi (Somerset East) ngowe-1858. Imfundo yakhe uyifumene eLovedale. Ukhe waba lisekela-mfundisi ePeelton phambi kokuba aqatyelwe ubufundisi yiLondon Missionary Society ngowe-1884. Uhambe wahamba wada wazuza isidanga sePhD kwiYunivesithi yaseMcKinley (McKinley University). Ube nenxaxheba enkulu ekuphakamiseni umgangatho wabantu abaNtsundu ngokukhuthaza imfundo, loo nto eyenza phantsi kombutho oyiNative Educational Association awaba ngumseki wayo ngowe-1879. Ubekwalilungu leUnion of Native Vigilance Societies. Kananjalo waba yintsholontsholo nasekusekweni nokuphathwa kwephepha-ndaba laseMonti, Izwi Labantu ngowe-1898.

Ngexesha lokusekwa kwephepha-ndaba izwi Labantu, lo kaRubusana ufake igxalaba nasekusekweni kombutho owawubizwa ngokuba yiSouth African Native Congress. Ube lilungu lesigqeba salo mbutho. Kwathi ngowe-1909 waba nguMongameli weSouth African Native Convention eyayisekelwe ukupekisela nokuqulunqwa kwe-Act of Union. Emveni koku ube lilungu leqela elaya eNgilane lisiya kuvakalisa isikhalo sabantu abaMnyama kuKumkani wamaBhilitane malunga ne-Union. Ithe ke i-Union yakuba isekiwe wesuka okaRubusana wayilwa ngokuthi angene kuyo apha, waba ke ngolo hlobo ngumntu wokuqala oNtsundu ukuba liLungu leCape Provincial Council emele elasebaThenjini.

Umfundisi uRubusana ube ngumfundisi eMonti ngowe-1888, ebekwa yiCongregational Church kwibandla laseNewsam's Town. Waba negalelo elikhulu ekuphuculweni kwentlalo yabantu abaNtsundu ngakumbi ngexesha apho babedudulwa kwiindawo zabo zokuhlala. Waba ke uyaphumelela ekuncediseni ekubeni kusekwe ilokishi yase-East Bank. Nguye owavula isebe leNative Vigilance Association eMonti ngowe-1892.

Wabhubhela eMonti ngomhla we-19 ku-April 1936 eneminyaka engama-78.

(Sibulela uGqirha Keith Tankard ngala manqaku esiwanqakule kwi-intanethi.)

# Izalathiso


| Isahluko | | Iphepha |
|---|---|---|
| 1 | Ukufika kweLizwi kwaXhosa | 1 |
| 2 | Ukuvela kukaNtsikana umfo kaGabha | 2 |
| 3 | Izibongo zikaNtsikana Gabha | 5 |
| 4 | Izibongo ezingoThixo | 7 |
| 5 | Imbongi yoMnqamlezo | 8 |
| 6 | Isimangalo sikaThixo | 14 |
| 7 | Icebetshu lokusinda | 17 |
| 8 | Ingxoxo enkulu yomginwa noMkristu Icandelo I | 19 |
| 9 | Ingxoxo enkulu yomginwa noMkristu Icandelo II | 24 |
| 10 | Ingxoxo enkulu yomginwa noMkristu Icandelo III | 30 |
| 11 | Ingxoxo enkulu ngemfundo | 46 |
| 12 | Ihlelo laseRhabe | 95 |
| 13 | Amaqhalo amaXhosa | 100 |
| 14 | Umkhondo wamaGqunukhwebe | 109 |
| 15 | Imikhwa | 111 |
| 16 | UNokhonya into kaNyanga | 113 |
| 17 | Umfana ovela eBhayi | 115 |
| 18 | Umsitho wamaXhosa | 120 |
| 19 | Imbali kaMakhanda (Abathi nguNxele) | 124 |
| 20 | Imfazwe kaThuthula | 126 |
| 21 | Iimbali zamaXhosa | 129 |
| 22 | Umkhondo weenkosi | 133 |
| 23 | Isizathu sokuxhelwa kweenkomo ngoNongqawuse | 139 |
| 24 | Izibongo: Umnombo weenkosi | 142 |
| 25 | AmaGcaleka nezibongo zawo | 145 |
| 26 | AmaRharhabe (amaNgqika) nezibongo zawo | 154 |
| 27 | UmNgcangathelo nezibongo zawo | 160 |
| 28 | AmaJingqi nezibongo zawo | 164 |
| 29 | AmaNdlambe nezibongo zawo | 170 |
| 30 | ImiDange nezibongo zayo | 179 |
| 31 | AbaThembu nezibongo zabo | 185 |
| 32 | AmaGwelane nezibongo zawo | 196 |
| 33 | ITsonyana nezibongo zalo | 198 |
| 34 | AmaGqunukhwebe nezibongo zawo | 199 |
| 35 | AmaHleke nezibongo zawo | 204 |
| 36 | ImiDushane nezibongo zayo | 205 |
| 37 | AbaMbo nezibongo zabo | 207 |
| 38 | AmaZizi nezibongo zawo | 210 |
| 39 | AbakwaMaduna nezibongo zabo | 214 |
| 40 | AmaMpondo nezibongo zawo | 215 |

41 AbeSuthu nezibongo zabo ... 218
42 AmaBomvana nezibongo zawo ... 219
43 AmaMpondomise nezibongo zawo ... 223
44 Ezinye iinkosi ... 225
45 Iinkosi zakwaNgqika ... 227
46 Izibongo zabaFundisi beLizwi ... 229
47 Izibongo zeenkomo namahashe ... 236
48 Ingqokelela yezibongo ... 246
49 Imbongi yakwaGompo nabanye ... 306
50 Ezokubhubha kwenkosi uSigcawu Rhili ... 317
51 Isimbonono ngomfo kaKama ... 318
52 EzikaBishop Turner, D.D. LL.D ... 320
53 "Izwi Labantu" ... 321
54 Imibuliso yoNyak'omtsha: Izibongo zowe-1900 ... 323
55 Izibongo ngezibongo ... 325
56 SingamaBritani! ... 329
57 Izithuko ngeZwi Labantu ... 333
58 Leliba ... 336
59 Lala phantsi D. Tomasi ... 338
60 Izibongo zika-J.T. Jabavu ... 339
61 Izibongo zika-Hon. Charles Brownlee ... 340
62 Imibulelo ... 341
63 EzamaTempile ... 343
64 Ukubanjwa kweenkosi neziganeko zeminyaka ... 344
65 Izinto ngezinto ... 346
66 Isityhilo samazwi athile angaqondakaliyo (Notes) ... 350

# Isizathu sokuxhelwa kweenkomo ngoNongqawuse

(Ngu-W.W.G.)

Kwathi kwaGcaleka, eziThenjini, kwesikaMnzabele ngomnyaka we-1856, athi amantombazana emabini, eye kulinda iintaka emasimini, enye igama inguNongqawuse intokazi kaMhlakaza, nenye ingumtshana, emlanjeni ekuthiwa kuseKhamangeni, kwafika amadoda amabini kuwo, athi, "Maze nisibulisele emakhaya nithi singooNantsi" (atsho awaxela amagama awo). Athe la magama azibize ngawo yangamagama abantu abafa kudala. Athe, "Noxela ukuba umzi uza kuvuka wonke ekufeni, nithi neenkomo ezi zikhoyo mazixhelwe zonke kuba zifuywe ngezandla ezingcolileyo, kuba abantu baphethe ubuthi."

"Ize nithi makungalinywa, makumbiwe izisele ezikhulu ezitsha, kwakhiwe nezindlu ezikwazitsha; kubiywe iingqili ezinkulu zeentlanti, kusikwe iintsuba, kulukwe neengcango zobuka zibe zininzi. Abantu mababulahle ngokwabo ubuthi, bangade bambululwe ngamagqirha. Nothi zitsho iinkosi uNaphakade into kaSifubasibanzi."

Efika ekhaya amantombazana afike awa ngazo, kuloko akaphulaphulwanga mntu, kusuke kwahlekiswa ngawo. Kuse ephangela iintaka, kwathi kungasenini babuye bafika aba bantu, babuza ukuba zibaxelele na abantu ekhaya, nokuba kufike kwathiwani na? Axele ukuba loo nto ifike yayinto yokuhlekisa, ayaphulaphulwa mntu. Kusuke kwathiwa ngabantu sithetha intsomi. Le nto yehla echwebeni leGxarha kwaGcaleka.

La madoda athi, ize nithi kubantu abakhulu mababize zonke iinkosi zakwaGcaleka, zakwaThatho, zakwaNgqika, nezasemaGqunukhwebeni, bayixele kuzo le nto. Kuse uMhlakaza namanye amadoda besiya emasimini, asuke la madoda akavela. Amana ethetha, engabonakali, noNongqawuse eviwa nguye yedwa nenye intombazana leyo, waye uNongqawuse emana etolikela amadoda lawo into ethethwa kuye zezo zithunzela. Zathi, "Xelela amadoda lawo ukuba aye kuhlanganisa iinkosi, eze nazo kuthi apha ukuze sivele".

Kuyiwe ke komkhulu kwaRhili, eHohita, kuloGojela, kwabikwa esi simanga sixelwa yintombazana kaMhlakaza. URhili ususe uBhotomani, inkosana, ukuba ikhe iye kuyiqonda le nto ngokwayo. Ifikile la madoda akavela. URhili ususe izigitshimi zokuya kubika kwiinkosi, ukuba kukho abantu abeviwe yintombazana kaMhlakaza, besithi makubizwe zonke iinkosi zize kuhlangana neyabo inkosi uNaphakade kaSifubasibanzi echwebeni leGxarha.

KwaThato kwesuswa uMarhamnco into kaFadana ihamba noShwele into kaZozi. KumaNdungwana kususwe uDlulaze into kaQhwesha ezalana noNdarhala. KumaTshatshu kususwe uMpeke into yasemaMfeneni.

KwaNgqika kwesuswa uNamba into enkulu kaMaqoma. KwaGcaleka yaba nguRhili noLindinxiwa iinto zikaHintsa, noNgubo into kaMalashe, noNxitho into kaLutshaba. KwaNdlambe kwesuswa uNowawe into kaNdlambe. EmaGqunekhwebeni kwesuswa uDilima into kaPhatho. Yonke loo mpi yasinga eGxarha kwaMhlakaza. Kufikiwe khona ithe intetho, uthi uNongqawuse impi mayihlelwe eya kuya echwebeni elo leGxarha, ize loo mpi iyayo ikholise ngeenkosi. Kwenjiwa njalo okunene. Bathe kuba abantu benendawo eyoyikayo, bathi xa baya kuloo mfula weKhamanga basuke bathi khothe imiqala, banendawo enxanwayo, baye bekhokelwe nguNongqawuse enze izazobe ngembola. Bavakele abanxaniweyo besithi, "Angasela na umntu onxaniweyo?" Uthe uNongqawuse, "Osukuba engenabo ubuthi angasela angoyikeli nto."

Yasuka apha into kaPhatho, uDilima igorha elikhulu, wayithi tyaa phaya ingubo yakhe wankqwila wasela. Awa ngokuwa amabandla kaNomagwayi waseMbo.

## Umbono owehlayo

Kuthe kusenjalo kwavakala kudilika amatye amakhulu eweni elisemantloko eKhamanga, asuka amadoda afakana imilomo, aye esoyika nokoyika ukungathi kukho nto iza kuqhuqhumba kweli liwa.

Bathe besathe nqadalala yile nto yavakala intombazana isithi, "Khanibhekise amehlo enu elwandle". Bathe bakuqwalasela emanzini olwandle, kwanga kukho abantu okunene, kwanga kukhonya neenkunzi zeenkomo, kwaneenkabi, yasisibiba esimnyama esimane sibuyabuya sada sabuya semka, saya kutshonela kwaselundini phaya lwamaza olwandle; baqala ke bakholwa bonke abantu.

## Intetho yesibiba

Lo mkhosi uselwandle awudange uphume usondele ezinkosini ezo, nentetho yawo ayiviwanga mntu wumbi ngaphandle koNongqawuse. Uthe ke wakumka, wathi uNongqawuse, "Iinkosi eziya zithi, godukani niye kuxhela zonke iinkomo, kungabikho nto niyifuyayo izinkomo, ukuze uvuko lukhawuleze. Naze ningalimi, yimbani izisele ezikhulu ezitsha, niya kubona sezizele kukudla okutsha. Yakhani izindlu ezintsha, nenze iingcango ezininzi ngobhuka, nize nizivalele ezindlwini, kuba ngosuku lwesibhozo mhlana uzayo umzi nenkosi uNaphakade kaSifubasibanzi, zonke izilo zehlabathi nezemilambo, neenyoka, ziya kuba zizibhadubhadu kulo lonke ilizwe. Ize kanjalo nikudimbaze ukutya okuseziseleni niye kukulahla. Ukuze nisinde ize nivale ngeengcango ezininzi, niqamangele ukubophelela, nilahle bonke ubuthi."

## Enye inkosi

Uthe kukho nenye inkosi, ekhwela kwihashe elingwevu, egama linguNgwevu, elinye nguSathana, aya kuthi wonke umntu ongazixhelanga zonke iinkomo zakhe abe ngumntu waloo nkosi inguSathana. Loo mntu akayi kububona ubungcwalisa beyethu inkosi

uNaphakade kaSifubasibanzi. Yiyo leyo ke imbangeli eyabanga ukuba zixhelwe iinkomo ngowe-1856 ide ibe ngowe-1857.

## Ukuvela kukaNonkosi

Kuthe kusenjalo kwavela enye intombazana kwaNkwitshi into yasemaKhwemteni, yakwaNdlambe, ngaseMpongo, egama linguNonkosi. Intetho yayo yayinye nekaNonqawuse. Ibibasa abantu echibini ebeliseMpongo apho, basuke babone abakhwetha betshila echibini elo emanzini, bange beva kubethwa neengqongqo, kuvunywa imiyeyezelo, kusombelelwa abakhwetha abo. Abantu bahiliteka kangangokuba bade bathi, babone neempondo zeenkomo zivelile, bakuva nokunxakama kweendlezana zeenkomo, nokukhonkotha kwezinja, nokumemelela kwabasengi.

## Umthetho weenkosi

Zithe ke iinkosi zakuba zibuyele ngeendawo zazo, zafika zabutha iziphakathi zayishumayela le nto yokuvuka kwaManyange, namhla sel'ematsha, nokuvuka kwazo zonke iinkomo eziya kuxhelwa nezafa kudala. Wayethe uNongqawuse azathi umntu othe wayixhela, wayenza isimawusi inkomo yakhe, awuqashe umphefumlo wayo, ukuze ithi mhlana ivukayo ivukele yena, ibe yeyakhe. Watsho wathi bonke abangaxhelanga baya kuphephetheka sisaqhwithi esikhulu baye kweyela elwandle.

## Ukwahlulelana komzi

Umzi wathi qwenge kubini, omnye awakhe uvume ukuxhela, noko wawukholwa ukuba uvuko olo lwabafileyo, ingelulo olweenkomo, loze lona lubekho. Kwabonakala kusahlukana ooyise noonyana, oonyana bamntu-mnye, inkosi nabantu bayo, imizalwana nemizalwana. Kwavela amagama amabini ala macala omabini. Abanye kwathiwa ngamaThamba, oko kukuthi ngamagqobhoka kaNongqawuse. Abanye kwathiwa ngamaGogotya, oko kukuthi abemi ngongqame, abangavumiyo ukuyenza into, abangavumiyo ukuxhela. Baxhela ke abanye, baze abanye abaxhela.

## Usuku lwesibhozo

Kuthe kaloku zakukholisa ukuxhelwa iinkomo, bethe abanye baxhela ngokoyika ukubulawa nokunukwa, lwaye uninzi lwaluselungamafaca ukulamba, seluphila ngeempotsha kuphela; kwaqala kwaqwalaselwa usuku lwesibhozo. Lusuku ekwakuthiwe loze ilanga lanele ukuphuma libomvu, lize libuye litshone kwasesibhakabhakeni, kuze kubekho ubumnyama obukhulu abaya kuthi abantu bazivalele ezindlwini zabo, baze baqale ke abantu bavuke beze ekhaya, liqale ke libuye ligabuke. Laphuma ilanga loo mini kwanjengemihla, abanye, sebehlambe amehlo ngamanz'olwandle kwaGompo, abanye bevele ngezikroba ezindlwini, abanye, abangakholwayo, besenza imisebenzi yabo phandle; kwasuka akwabikho nto ihlayo, alatshona nelanga, akwabikho mntu uvukayo, akwabikho nto yenzekayo kuzo zonke ezo zinto zazithethiwe. Saba njalo ke isiyikili sikaNongqawuse, bafa kakhulu abantu yindlala, kunqina, nasisifo. Kukuze kubekho iqhalo elithi umntu akuxela into esimanga kuthiwe, "Uthetha uNongqawuse".

# Isityhilo samazwi athile angaqondakaliyo

## Izibongo zikaNtsikana Gabha

| | |
|---|---|
| Nenkwe-nkw'ebithanda iinkomo | Loo nkwenkwe yayinguNgcongolo into yasemaNywabeni. |

## Izibongo ezingoThixo

| | |
|---|---|
| Usandla sinechibi ... | Kutshiwo kuba imvula ivela kuye. |

## Imbongi yomnqamlezo

| | |
|---|---|
| Duma barhwaqele ... | Kuxa uThixo athetha ngokududuma kwezulu nangesifo ebantwini, abathi ke ngokoyika bothuke bakuliva liduduma. |
| Ibuyambo ... | Oko kukuthi zibheke emva kwimikhwa yobuhedeni. |
| Mhlabi ngezihlabo ... | Oko kukuthi othethe izinto ezinkulu eseZulwini. |
| Ibharhula ... | Ukubharhula kukugquma kuThixo, kukuthetha kwabantu beshumayela Izwi Lakhe ngamandla, kubantu abangalihoyileyo. |
| Lamfono-nekayo ... | Oko kukuthi lada laphalala. |
| Obesiga-gamela ... | Lowo nguSathana, uDalas'emdeni. |
| Ucamagu-shela ... | Oko kukuthi, "Uthethelel'umoni". |
| Ngengwe-letshetshe ... | Ingweletshetshe ibiba likhakhana lokuhlanganisel' ubuso emaXhoseni, intwana ebilingene isandla. NakumaYuda belikho, kuba ebenawo omabini loo makhakha njengathi. Elikhulu ebesithi ukulibiza, "Tsana", ingweletshetshe athi, "Magan". |
| IParadesi ... | Yindawo yokonwaba nokuphumla. |
| Mikhayeli ... | Sesinye sezithunywa ezikhulu zasezulwini. |
| IKerubim ... | Lolunye udidi lwezithunywa zezulu. |
| Ezingaco-niswayo ... | Ukuconiswa kukufungiswa ngomntu ontloni, onjengoyise wendoda emfazini, ukuba into ethile ungayenzi. Apha lithetha ukufungiswa ukuba zizile, zingadli kuba kwenzeke into enkulu yokuzalwa kweNkosi. |
| Emzimayi ... | Ligama lalaa mzi uYesu wadibana namadoda amabini esiya kuwo: (KuLuka xxiv. 13). |
| Isanuse ... | Ligqirha lokuvumisa. |
| Igqirha liseTyalikeni ... | Umshumayeli weLizwi likaThixo. |
| Emqulwini ... | Kuthethwa iBhayibhile. |
| Nayini ... | Ngumzi uYesu awaphilisa kuwo unyana okuphela womhlolokazi: (KuLuka vii. 11-15). |
| INtwanazana ... | Lowo nguKumkanikazi uFitoli. |
| UGabriyeli ... | Sesinye sezithunywa zezulu. |
| UGweleqiwe ... | Ukugweleqa kukuntsela ukuthetha ngento uman'ukuyikwekwa, uyiya ngecala. |

## Isimangalo sikaThixo

| | |
|---|---|
| Qhelesile ... | Uqhelesile ngozenza mdala. Othi amaziny' wakhe asibhozo wozibonela. |
| Khaka-kampethu ... | uKhaka-kampethu liphamba. |
| Onegqitha ... | Igqitha sisifo esibi sokubeth'igazi ngaphantsi, mhlawumbi sobhobhozo. |
| Sebebhede amadlaba ... | Ukubhed'idlaba kukusuke uthi wakuncedwa ungabuleli, ungakhathali ngulowo ukuncedileyo. |
| Ziyatshaba ... | Ukutshaba kukungabinto yanto. NgesiMpondo kukubhubha. |
| Sekumrholo ... | Into emrholo yinto ebomvu ephalala njengegazi. |
| Weza ... | Into eweza yinto emhlophe qhwa. |

## Icebetshu lokusinda

| | |
|---|---|
| Sente ... | Ukuthi sente kukusika esiswini ubangwa yimfesane. |
| Lingqwa ... | Ukuba nelingqwa kukuba nendawo ekhondlozayo phofu weyisekile. |
| Ndangu-myeke ... | Umyeke yinto eyoyiseke kwaphela. |
| Kwelo wuba ... | Iwuba ngumbithi ongenasiphelo yindawo enzulu eginya into eninzi ibe noko ingazali. |
| Kumanxiba ... | Ngabantu abambatha iingubo zasemLungwini, inge ngama-gqobhoka phofu bengengawo. |
| Ethekweni ... | Itheko yindawo ekuhlanganiswana kuyo ngentlanganiso ezizukileyo ezinjengetyalike; Ngumsebenzi womntu; lunqulo lwakhe; yingxoxo ezukileyo yabanumzana. |
| Sakunditha ... | Ukunditha kukungagqibi, kukuthandabuza, kukungahambeli phambili, kukuma ndaweninye. |

## Ingxoxo enkulu yomginwa noMKristu

| | |
|---|---|
| Usuka amadlu ... | Kukuman'ususela uya uba mnandi ngakumbi. Kukuman'utwela, talas'igidi, uyolis'udlubu, usenz'amatshamba. |
| Unaz'izi-nyanya ... | Oko kukuthi usuk'ubang'iminyanya. |
| Kwanezi-hewula ... | Isihewula ngumkhwa ombi wasemdudweni, nowenziwa endle kumankazana ngamabhedengu, kuthiwe ke, kukuhewula, nokuphang'umntu kuthiwa kukuhewula. |
| Jingqi-mabala ... | Umntu ongujingqi-mabala ngunxa-zonke; Ngumntu othi esebugqobhokeni abe esebuqabeni ngemikhwa yakhe. |
| Imbande ... | Yinto ebethwayo efana nogwali. |
| Ziqhum'ulwa-mityi ... | Oko kukuthi ziman'ukumitha abantwana. |
| Oovayise ... | Leyo yingoma yosifa-luthulini ongayiva emitshatweni, nasezirhangeni. |
| Bungela ... | Ibungela ngumnt'ongabusanga komkhulu, umntu nje. |
| Nxu-mkhonjana ... | Yintwana ema yodwa, ikheswa. |
| OoKhunu ... | NgabeLungu. |
| Induku nentambo ... | Kukubanjwa komntu oko. |
| Mathol'esa-gwityi ... | Kukuthi saa njengamathole esagwityi, yimpangalasane. |
| Lubivana ... | Into ebhityileyo, engamathambo. |
| Umgqephe ... | Butywala; ikwalilizwi lokuhlonipha umcephe obukhiwa ngawo. |
| Lidl'anko-nozana ... | Ukudl'ankonazana kukuhlelwa yingxawuka, lithamsanqa; yinzuzo. |
| Ziseneho-koha ... | Ukuba nehokoha kukunganeli, yintw'engazaliyo noko kade umelelo utshona khona, lulwandle. |
| Igode ... | Kukuthi uzuzile ube usakhalaza. |
| Idongwane ... | Lilishwa, ikwalimasi. |
| Niligxa-bhelele ... | Ukugxabhelela kukuphos'intw'emdaka kwebingcwengekile. |
| Iguburha ... | Libhunga lamaphakathi. |
| ULwangwili ... | Lulwabhici lwentetho. |
| Baxhak'inte-ndele ... | Oko kukuthi bumacalana onke. |
| Sivanxa ... | NgamaCirha lawo. |
| Imilonde-khaya ... | Abantwana bokuzalwa, bothuthu. |
| Inqudenqu ... | Ziintwana-ntwan'ezimnandi. |
| Ntanga-ntwana ... | Intangantwana yinto engenakhaya. |
| Maphisana ... | Amafutha ephehla. |
| Iduku ... | Iduku lilitye lokusila. |
| Isidlokolo ... | Ngumnqwazi wemfene. |
| ETye-mali ... | Kwilizwe elimba amatye enza imali, njengaseKhimbili naseRhawutini. |
| Bayalindu-ndula ... | Oko kukuthi ilizwe balikha amakhenke. |
| Itsweba ... | Yinto endala ebhityileyo. Ingubo yakuba ndala kuthiwa, litsweba. |
| Amanqe-lekhuma ... | Abantwana bezisu. |
| Oluthung'a-mabhenya ... | Lwenkohliso. |
| Inceku | Inceku yintanda. |
| Igukhwe ... | Igukhwe liqhinga. |
| Ibhengeqa ... | Kukuba nekratshi, kukukhukhumala ngenxa yokuba usisityebi. |
| Kwapetolo ... | Oko kukuthi kwaphezolo. |
| Zobuphinga-nisa ... | Ubugqi nenkohliso. |
| Abelelesile ... | Abenz'izinto ngamaqhinga. |
| Abanety-heneba ... | Abakruquleyo. |
| Lityhi ... | Abafazi |
| Lingaqashi zitho ... | Ukuqash'izitho kukuthi kubazali bentombi ndiphelelwe ziinkomo, khanindenze kuhle nindinik'umfazi, ndobuye ndinihambele ngezitho zam ndiye kunifunel'iinkomo zokulifeza ikhazi. |
| Sivunda ... | Umntu osisityebi. |
| Yintshenu ... | Asikho. |
| Senizimpa-tshanga ... | Izinto ezingendawo, ezingenabuntu nasimilo. |
| Lilurhoko-rhwane ... | Lingaphele ndawo. |
| Ubufebe ... | Umbulo; Ukuthand'amadoda. |
| OoNontsuke ... | Oomasuka-behlala, oophemba beshiya. |
| Luthende ... | Lisiko elimiyo ekuqhutywa ngalo ngumzi wonke. |
| Nemingcaca ... | Abantwana bamagxebekusha babeLungu. |
| Wezifebe ... | Amadod'athand'amankazana. |
| Amafene ... | Amamenemene. |
| Hintsathi ... | NgamaLawu. |
| Dyubhele ... | AmaNgesi. |
| IGogo ... | Igqirha (uMlanjeni). |
| Imithozo ... | Iintwana ngazinye. |

Bendiqhwe-meshile ... Ukuzibamba.

### Amaqhalo amaXhosa

EkaSambhu-ntsuntsu ... Oko kukuthi eyesityebi.

EkaSihlo-ngonya ... Eyehlwempu.

Ngumlu ... Yimfumba.

Ludlwabevu ... Liyole kakhulu.

### Umsitho wamaXhosa

Kuluthundisa ... Kubiza amangeno-mzini, uswazi.

### Imbali kaMakhanda (uNxele)

Dalidephu ... Umdali weZulu.

Esiqithini ... Sisiqithi esiphakathi elwandle ngaseKapa ekuthiwa yiRobben Island. Kulapho agcinwa khona amageza nabanamalephele.

### Imfazwe kaThuthula

Ingqawane ... Yingcambu yomthi eliyeza lesisu; Ikwaligama lengcuka le kuthiwa sisandawane.

Embekheni ... Imbeka luluswana olugquma amabele omfazi njengencebetha

### Iimbali zamaXhosa

Lingemba-lasane ... Lingabalaseleyo, lingadumileyo.

Emajajana ... Esopha.

Yecesika ... Esi sifo kuthiwa yifiva (fever).

Isimangala ... Umthi wokubulala.

Ludala ... Lihlwempu.

Linyangaza ... Igqwirha, itutu.

Lwangu-lwangu ... Impi incinane, ingekho.

Impokela ... Iintwana ngazinye.

Kwesi-phuphu ... Kweqela.

Ukunqwa-sana ... Ukunqandana, ukuthintelana.

Sel'eliKwayi ... Umntu othenwe ebukhosini.

### Isizathu sokuxhelwa kweenkomo ngoNongqawuse

Ubuka ... Yile minxeba kuphingelwa ngayo ukwenziwa iingcango zamaXhosa.

Izithunzela ... Yiminyanya yabantu abangasekhoyo.

Ngeempotsha ... Ngokuba nokuxhela impahla yabanye.

### AmaGcaleka nezibongo zawo

#### EzikaSarhili Hintsa

Nomsa ... uNomsa ngunina

Hohita ... Kulapho ebemi khona-ngaphambili.

Kwabee-Nduku ... NgabeSuthu.

UmaMlambo ... Inyoka ekuthiwa idla izibilini zabantu, ibashiye bengamaholo-holo.

Zakulil'izina-ndile ... Izinandile yimipu.

UFulele ... Ngu-Sir Bartle Frere, iRhuluneli.

#### EzikaSigcawu Sarhili

UMbhangcolo ... Ngumlambo okwaGcaleka.

ENgqubusini ... Ligama lengxangxasi yomlambo iTsitsa.

UHope ... Imantyi kaMhlontlo.

Ngezinti ... Ngezikhali.

Gezane noMfunze ... Ngamaphakathi amakhulu enkosi yamaBomvana.

ELuvulweni ... Lizibuko eliseMthatha awawela ngalo amaGcaleka ngoNgcayechibi ukusabela kwelamaBomvana.

USitata ... Kukunene kukaKhawuta.

UManxiwa ... Nguyisekazi, umninawa kaSarhili.

Ntlelelwane ... Ngongcwalazi.

UMbhoxwana ... Ligeza lakwaGcaleka ekuthiwa belibulala abantu ngokusuke lithethe ngomlomo emntwini lithi, uya kufa, asuke afe okunene.

Nogqoloza ... Udade boSigcawu.

Wenkongo ... Inkongo yimpi ethi ifihlwe lutshaba, luze luyivelise xa sekusiliwa ukuba incedise leyo kade isilwa.

AmaNgolothi ... Ligama lempi kaNgangelizwe awaluka nayo.

Madolo noSijako ... Ngamaphakathi awathi uSigcawu akulala kuwo, asuka azimela akumbona, emka kuba engafuni kumxhelela nto, athi elusatsheni ze kuthiwe akakho ahambile.

Gisha ... Umfo kaMagisha ngowathi ngokubona elo hlazo wathumela inkabi yebhokhwe wamxhelela.

Mtoto ... uMtoto ngoweqadi lakokwabo.

Izwembezi ... Izwembezi yinyama yentamo enkomeni.

Yekanye ... Ikwangoweqadi.

Khawuta ... Uyise kaHintsa.

Nqoko ... Nguyise wenkosi uSigidi obehlala eChizele kufuphi neDutywa.

| | |
|---|---|
| Tsheko ... | Umtsheko ziinkomo ezithinjwe elutshabeni ezilunge kwinkosi. |
| Ntaba ... | Igama abebuliswa ngalo uRhili. Igama lakhe lobuntwana ibinguZotana. |

### EzikaSiwengu Ngxito

| | |
|---|---|
| Ndamase ... | Inkosi yasemaMpondweni. |
| Khonjwayo ... | Inkosana yasemaMpondweni. |
| Gxawu ... | Imbiza esithi ngungxawu. |

### EzikaSibhozo Mnzabele

| | |
|---|---|
| Lefele ... | Ilefele yirifle. |
| Komanisi ... | Mr. Cumming. |
| EziLandana ... | East London. |
| UThikoloshe ... | uHili. |

### EzikaNgubo Malashe

| | |
|---|---|
| Ezinoqhonqa ... | Uqhonqa sisifo senkomo, ezithi zakuba naso zisuke zingcungcutheke, ziphel'amandla, zife. |

## AmaRharhabe (amaNgqika) nezibongo zawo

### EzikaNgqika Mlawu

| | |
|---|---|
| Nyelenzi noMakhabalekile ... | Amaphakathi amakhulu akwaNgqika. |
| UNyoko ... | uThuthula. |

### EzikaSandile Ngqika

| | |
|---|---|
| Gqolongci ... | Umlambo ongaseMgwali wakwaNgqika. |
| Bantlaninge ... | Baninzi. |
| USuthu ... | Unina. |
| KaFeni ... | Mr. Fynn obe yimantyi. |
| KuTela ... | Mr. Taylor imanty'enkulu. |
| UTshalisi ... | Hon. Charles Brownlee obe ngumlomo kaRhulumente phakathi kwamaNgqika. |
| Zinamachaphaz'egazi ... | Ukuthand'ukulwa imfazwe. |
| Le mp'imakhwenkwe ... | NgabeLungu kuba bengaluki. |
| KaSmithi ... | Sir Harry Smith iRhuluneli. |
| IseMontini ... | Waya kukhweliswa eMonti. |
| Kwavulelw'inkanunu ... | Kwadutyulwa. |
| Kondile ... | Mr. Calderwood obe yimantyi kuMaqoma. |

### EzikaGonya Sandile

| | |
|---|---|
| Ahamb'ebamb'amadun'akowabo ... | Abangamhlawuliyo ngaloo fama yakhe iseChwarhu. |
| EKapa ... | Oko bebesebubanjweni. |
| Wakashe ... | Umphakathi omkhulu. |
| Phanyaza ... | Omnye umphakathi. |
| Kasuswanga ... | Kuvunyiwe ziinkosi ukuba ibe nguye inkosi. |

## UmNgcangathelo nezibongo zawo

### EzikaNgonyama Tyhali

| | |
|---|---|
| KaTshitshiba ... | uTshitshiba nguyise kaFebana omnye wamaphakathi akhe amakhulu. |

### EzikaFeni Tyhali

| | |
|---|---|
| Ngcuguwe ... | Ngudade wabo. |
| Ludalasi ... | Intw'elele yee tyaba. |
| BeJadu linikelo ... | iJadu ngumlambo ongaseGqugesi, apho ibisithi inkomo yakutya utyani isuke iqunjelwe. Kutshiwo ngaloo nto ukuthiwa lunikelo. Oko kukuthi kuthakathwa ngabo. |
| Ubukhulu abubangwa ... | Kuthiwa uTyhali uyise wazeka intombi yomnt'omNyama eyazal'uNgonyama, owathi uyise akufa wabamba ubukhulu. Uthe uFeni, ongowentombi yomThembukazi, akukhula wayifuna indawo yakhe yobukhulu, wasuka uNgonyama akavuma ukumnik'isigcobo akusifuna. Ukhutshiwe ke noko kwamiswa uFeni lowo ebukhosini, kuba inguye owomThembukazi. Yiyo ke le ndawo kuthiwa, ubukhulu abubangwa ngamlomo, bahlulwa kukutshata kwabafazi. |

## AmaJingqi nezibongo zawo

### EzikaMaqoma Ngqika

| | |
|---|---|
| Nomina ... | Udade wabo. |
| Ngokubuy'umva ... | Kuthiwa yinkosi ebingasihlawuli isikweliti sayo evenkileni yomlungu, ubesuke athi umlungu akusibiza asuke amjamele, athi, "Nojoli akuyi kusiva!" |
| Ityebakazi ... | Ngumfazi otyebileyo obethandwa kakhulu yindoda. Ngamanye amaxesha lithetha iqela labafazi. |
| Undlel'ezinamaqhekez'ebhotile ... | Kuba ebethand'utywala basemLungwini. Kuthiwa nanamhla ukubizwa kwabo "ngamanzi kaMaqoma". |
| KaFuldayisi ... | Col Fordyce. |
| Esiqithini ... | Robben Island apho wafela khona. |

### EzikaNdamase Kona

| | |
|---|---|
| Singatha ... | Ligama abafazi ababiza ngalo amajoni (soldiers). |
| Tholiwe ... | Udade wabo. |

## AmaNdlambe nezibongo zawo

### EzikaMhala Ndlambe

| | |
|---|---|
| Lumalekile ... | Limangalisiwe. |
| Inempobole ... | Yintshinga eyenziwe ngomsila kadyakalashe. |
| Ndayi noTshu-nungwa ... | Amaphakathi amakhulu. |

### EzikaNowawe Ndlambe

| | |
|---|---|
| EBhalini ... | Bhalini, umzana wamaJamani (Berlin) ongaseQunube (Blaney Junction). |
| KuPawuli ... | President Paul Kruger. |

### EzikaNdimba Mhala

| | |
|---|---|
| URhwexu ... | NguSathana. |
| Makeleni ... | Col Maclean. |
| Tshalisi ... | Charles Brownlee. |
| KwaKeli ... | Mr. Kelly (Draaibosch). |
| Komanisi ... | Mr. Cumming. |
| Bulunga ... | Yinkosana yakwaNdlambe ebinguntamnani. |

### EzikaToyise Gasela

| | |
|---|---|
| Xobongo ... | Ngunina kaToyise |
| INkemfu ... | Yingqaka yamasi. |
| Inquqhu kaMjembu ... | Yinkatyana egwangqa eyathinjwa nguGasela eluSuthu emva kokuxola kwemfazwe kaHintsa. Ibingangethole ubukhulu bayo. Ibithi mhla kuleqwayo ibethe kude kwezinye. Yafela eMgwangqa phambi kwemfazwe yeZembe. |
| Finyeza ... | Ngudade wabo, intombi enkulu kaGasela. |
| Intsundu yakwaSana ... | Yenye inkabi aweza nayo kwakubeSuthu ibibaleka kakhulu. |
| Ulugqobo ... | Oko kukuthi mde. |
| Dila noFintela ... | Ngabantu eyaphuma nabo ngelityi lengqakaqa yamaNtinde. |
| Izichuthu ... | Amehlo anechaphoti. |

### EzikaMjuza Nxele

| | |
|---|---|
| Indlovu yaseNciba ... | Kulapho walwa khona namaNgesi ngeyeZembe kwelo zibuko leNyathi. |
| KuBomvu ... | Kumhla wabetha uBomvu into kaMajaba yasemaNgwevini. |

### EzikaBhukula Mjuza

| | |
|---|---|
| Intsimb'e-quthu ... | Yihuku le kubanjiswa ngayo iintlanzi. |

### EzikaNdayi Tsorha

| | |
|---|---|
| KaSemsem ... | Mr. Simpkins. |

### EzikaMqikela Ndayi

| | |
|---|---|
| Maphisa ... | Yinto yasemaZizini ebimi eDongwe. |
| Tshongweni ... | Umphakathi omkhulu wakwaNgqika. |
| Nyamezele ... | Into yasemaCirheni ebingumphakathi kaMhlala. |
| Xhama ... | Inkosi yamaMbalu. |
| Imirhukwane ... | Yintsimbi yomqala neyengubo. |

### EzikaPhaya Ngcintsi

| | |
|---|---|
| Ngephunga ... | Iphunga yingca yabakhwetha yobuso. |
| Katikati ... | Sir George Cathcart |
| Joni ... | Amasoldati. |
| Lungukazi ... | Queen Victoria. |
| Gezana ... | Ngulo mfulana uhla nemalike yaseQonce bathi yiFleet Ditch. |

### EzikaRhangi Gwelele

| | |
|---|---|
| Imbenga ... | Sisitya esenziwe nemizi sokusenga. |
| Amathala ... | Zizitya zamasi. |

### EzikaTobi Qhelo

| | |
|---|---|
| Zimela ... | Udade wabo. |
| Eqoqweni ... | Iqoqo yindlu yenkosi. Liqela lomkhosi elifihlelwe ukuze liphume lilwe lakufuneka. |

## ImiDange nezibongo zayo

### EzikaTokhwe Bhotomani

| | |
|---|---|
| Nguni ... | AmaNguni ligama abizwe ngalo amaXhosa zizizwe ezikweliya liphezulu. |

### EzikaMpangele Tokhwe

| | |
|---|---|
| Madondile ... | Mr. McDonald, umLungu obenevenkile kwaNgqika. |

### EzikaWongama Tokhwe

| | |
|---|---|
| Sonyiwa ... | Yintsimbi yamaso ekwenziwa ngawo isidanga. |

### EzikaBhotomani Mantla

| | |
|---|---|
| Nezibozi ... | Isibozi yimvaba endala ekuphehlelwa kuyo. |

## AbaThembu nezibongo zabo

### EzikaNgangelizwe Mtirara

KweXhwili ... IXhwili ligama lentaba.

Khazeka ... Udade wabo owayendele kwinkosi uSigidi waza wazala uMathumbu.

Elingena-ntonga ... Kutshiwo kuba ebengalwi ebesuk'aman'ukulala ngathi ngumntu ongenantonga.

### EzikaDalindyebo Ngangelizwe

Seme ... Yinyamakazi.

Nolutsho-kovu ... Ngumlungu.

Jidini ... Ngumlungu.

Jilingisi ... Mr. Jennings.

### EzikaGungubele Mapasa

Elintshe-ntshetha ... Elibukhali.

### EzikaHolomisa Mdunyelwa

Iqhosh'elino-qoqo ... Yimali.

## AmaGwelane nezibongo zawo

### Ezika-Anta Ngqika

Nqakase ... Udade wabo.

## AmaGqunukhwebe nezibongo zawo

### EzikaPhatho Chungwa

Mandoli ... Igama likaPhatho lokubuliswa.

Mabululu ... Ligama lezibuko elisemazantsi eTyityaba, eNciba. Kulapho walwa khona nabelungu ngemfazwe yeZembe.

Gomomo, Fani Ngcipule ... Ngabantu ababenukwe ngamagqirha akwaPhatho kusithiwa beba iinkomo.

Ivul'indlela ... Kuthethwa kuba wayehambisa iincwadi zakwaRhulumente, ngemfazwe kaMlanjeni ngokuthunywa nguMakeleni (Governor Maclean), iRhuluneli.

Ingcebetsha ... Igama labaMbo legxebekana ekugwadwa ngayo.

### EzikaWillian Shaw Kama

Lathoni ... Yinkosana yaseLusuthu.

Dziya ... Yinkosi yaseluSuthu uyise kaLerothodi.

Magwa ... Inkosana yasebaThenjini.

Njengelanga ... Inkosana yasebaThenjini.

Khamanga ... Lihlathi elingaseXhukwane awangena kulo uMatebese ngemfazwe kaNgcayechibi ngowe-1877.

Mbangobuso ... Ligama likaKama uyise.

### EzikaGana Kaba

Filephisi ... Ngumlungu obeseNgqushwa ebekuthengwa kuye imipu ngemfazwe kaHintsa.

### EzikaJames Mama

Thiyabo ... Udade wabo.

Dalini ... Luhlobo lweentaka ezikumlanjana okufuphi NeGqili.

### EzikaMartha Boyce Mama

Ndlovu ayisindwa ... Kuthethwa kuba emkhulu umzimba wakhe.

Nqwebebeni ... KuseHorton ngaseNgqushwa apho uRev Mama ebengumfundisi khona.

Inambezulu ... Yinyoka apha eluhlazathi olulubhelu, ende, ehlala emithini. AmaBhulu athi yiBoomslang.

## ImiDushane nezibongo zayo

### EzikaSiwani Mdushane

Nongoqo ... Udade wabo.

## AbaMbo nezibongo zabo

### EzikaBhungane Ntsele

Izikhu-ndlwane ... Abantwana, imvambilini.

Ngambili ... Ngambini.

### EzikaDlomo

Alubane ... Oko kukuthi, "ukuba ebengathanga".

## AmaZizi nezibongo zawo

### EzikaVeldtman Bhikitsha

Mthandi kanqatha ... Kutshiwo kuba ingumntu othand'ukuxhela ezityebileyo empahleni yakhe.

Ukosulelwa ... Ukudyojwa ngetyala.

Njenjemane ... Umhlaba kaNjenjemane wawungulo usecaleni leZazulwana. Wathi akuwuhilizela wanikwa kwa uBhikitsha.

Noleti ... Inkosikazi yakhe.

## AbakwaMaduna nezibongo zabo

### EzikaHlangana Njeza

Gungu ... Igungu ligunya.

| | |
|---|---|
| Umlunda ... | Lilunda, isixhanti esiyinyama ebisiwa komkhulu kwakuxhelwa. |
| Ngusihlangu ... | Oko kukuthi, likhaka. |
| Amakhobo-ngwana ... | Zezi nkomana zasemLungwini ziimpondo ziquthwana. |
| Ngesihewula ... | Intomb'edlwengulweyo. |
| YaseluXwe-seni ... | NgaseDonqaba kufuphi neNcemerha. |
| Joni ... | Isoldati. |

## AmaMpondo nezibongo zawo

### EzikaSigcawu Mqikela

| | |
|---|---|
| Bagwiqe ... | Bahleli. |
| Bham ... | Imipu. |
| Vilazana ... | Ntakazana. |
| Stanford ... | Imanty'enkulu eseMthatha. |
| USangiwa ... | Uthandwa ngemali yakhe. |
| Ngxuwa ... | Ngxowa. |
| ULurholo-koqo ... | Ulurhoqorhoqo. |
| Meja ... | Major Elliot, obeyimanty'enkulu eTranskei. |

### EzikaBhokleni Nkqwiliso

| | |
|---|---|
| Welishi ... | Mr. Welsh, imantyi. |
| Yingxuwa ... | Ingxowa. |

## AbeSuthu nezibongo zabo

### EzikaMasupha Mshweshwe

| | |
|---|---|
| UTulwana ... | NguMnu Josia J. Tulwana obeyititshala efundisa abantwana babeSuthu eBensonvale. |

## AmaBomvana nezibongo zawo

### EzikaMoni Ntshunqe

| | |
|---|---|
| Chothose ... | Udade wabo. |

### EzikaZwelibanzi Langa

| | |
|---|---|
| Ntshungu ... | Uninakhulu. |

### EzikaPhakamile Langa

| | |
|---|---|
| Intshengeca ... | Ilitye elibukhali. |

### EzikaNgantweni Langa

| | |
|---|---|
| Elimdlazi ... | Elimpondo zoluke njengamaphiko. |
| Endlozi ... | Yinyamakazi eyelele kwiHlosi koko ilula kunalo. |

### EzikaHlathikhulu Langa

| | |
|---|---|
| EGungululu ... | Ngumlambo osemaMpondweni. |
| Bhulekiwe ... | NguMnu Blakeway, imantyi. |
| Umtsheko ... | Iinkomo ezithinjwe emfazweni. |
| Nowanga ... | Yintaka. |

### EzikaSirhunu Moni

| | |
|---|---|
| Jalamba ... | Uyis'omkhulu kaMoni. |
| Inamagxina ... | Inamandla, inkulu. |
| Jabanga noGubu ... | Ngabantu abanukwayo baza babulalwa nguMoni. |

### EzikaNgqwangele Sirhunu

| | |
|---|---|
| Nomthona ... | Udade wabo. |
| Rharhile ... | Lirharha |
| UHope ... | Mr. Hope, imantyi ekuthiwa wayibulala koko kuthe lakuthethwa ityala elo wakhululwa. |
| Intibane ... | Yinto efana nembuwa edliwa ngexesha lendlala. |
| Ixhayelo ... | Kulapho into ebiweyo ifike ixhelelwe khona. Apho umntu obulelweyo athe wabulawelwa khona. |
| Ukufola ... | Ukulala nesithandane. |

## AmaMpondomise nezibongo zawo

### EzikaMhlontlo Matiwane

| | |
|---|---|
| Yokazi ... | Udade wabo. |
| Ngu-Siswenye ... | Ngumphakathi neciko likaNgangelizwe, elinguXhelo, ebe lisisiqhwala life imilenze. Bekusithiwa siswenye kuba ebefunqulwa. |
| Kubhosolwa ... | Kusulwa. |
| Alaziwa ... | Koko wayezimele waya eLusuthu. |

### EzikaMditshwa Diko

| | |
|---|---|
| KweXhwili ... | Yintaba. |

## Izibongo zabaFundisi beLizwi

### EzikaDr. W. Aunderson Soga, M.D.

| | |
|---|---|
| Amayeza ... | Kuba eligqirha. |
| UNkomeni ... | Yinkosi yakwaBomvana, iseyinkwenkwe, ifunda eBlythswood, isabanjelwe ebukhosini. |
| Ndingumntu wokuqala ... | Kuthethwa kuba engumfundisi wokuqala kwaBomvana. |
| Kwaqal'u-bawo ... | uNogaga, uyise kaGawelo imbongi yakwaBomvana. NguNogaga lowo owathunywa nguGambushe, inkosi yamaBomvana, ukuba aye kucela kuKhawuta, kwaGcaleka, inxuwa. AmaBomvana ngamaMpondo ebesakuma eMngazi. |
| Mbayela ... | Uyise omkhulu kaGaqelo. |
| Ntak'obusi ... | Kutshiwo ngobubele bukaGqirha. |

| | |
|---|---|
| Mayekiso noMtshakaci ... | Amaphakathi akwaBomvana. |
| Izikho-nkwane ... | Kulapho kwaphukela inqanawe, nalapho bafumana khona izikhonkwane zentsimbi. |
| Zilenzi ... | Kuthethwa kuba ugqirha lowo esithi akufumana inyoka asuke ayifake ebhotileni. Loo nto isisimanga esikhulu kumaBomvana. |

### Ezika-Rev W.B. Rubusana

| | |
|---|---|
| Zala ... | Ukunene kukaSandile. |
| Noposi ... | Inkosikazi kaMyeki. |
| Bhulorho ... | Yibhulorho yeNciba (Kei Bridge). |
| IThole ... | Kuthethwa umlambo. |
| Limemez'u-hlanga ... | Kuba eshumayela. |
| Mpilo ... | Ligama lomfundisi lesiXhosa. |
| Nguyise-khulu ... | uMbonjana uyise omkhulu womfundisi lo wayengumkhokeli kumfundisi uRev van Rooyen, omdala, kwaNyaka-nyaka. |
| KaMdange ... | Umfundisi ngumfo wakwaMdange. |
| Montini ... | uMonti, apho angumfundisi khona. |
| Lo mvalo ... | Kuthethwa umfundisi lowo. |
| Kwanyikim'e-Kapa ... | Koko wayeye eKapa eye kuthandazela abantwana benkosi bakaSandile kuSir Gordon Sprigg ukuba bakhululwe. |
| Ngumnqa-y'omde ... | Kuthethwa kuba eyingxwenga. |
| Mazima ... | Kulapho azeke khona intokazi yasemaZimeni, kaNzanzana. |
| Dikeni ... | Apho wafunda khona. |
| Phakathi ... | KwaRhulumente eKapa. |
| Nomenti ... | Igama likanina. |
| Kwelerha ... | Kwesinye sezikolo zakhe. |
| Centane ... | Apho wadibana khona nenkosi. |
| UKhakale-nyaniso ... | uThixo, kwiculo likaNtsikana. |
| Xholorha ... | Esinye sezikolo zakhe kummandla waseCumakala. |
| Sondishe ... | Umvangeli wakhe kwaZidenge. |
| Dwashu ... | Umvangeli wakhe eZeleni. |
| Ncapho ... | Umvangeli wakhe eMpongo. |
| Bhongco ... | Umvangeli wakhe eKwenxurha. |
| Zintlaninge ... | Zininzi. |

### EzikaRev Liefeldt

| | |
|---|---|
| Haluhalu ... | Ingoma yasemaXhoseni. |

### EzikaRev Charles Phamla

| | |
|---|---|
| Masigugunye ... | Oko kukuthi masinqunquthe. Kuthiwa kwathi ukuzalwa komfundisi lo kwabiwa inkomo yakwaTswane emaMfengwini, ngomnye wamaGcaleka akwaHintsa. Kulandiwe umkhondo waya kungena kumzi onemfama yexhego. Kufikwe lihleli lodwa kanti amadoda aloo mzi athi akubona abanini nkomo besiza, athi kuba kwakusahlezwa amathambo ayo, athi kwimfama mayifihle phantsi kwengubo yalo elo yayilihleza, kuba naba abantu abayilandayo sele bekufuphi. Okwenene yenza loo nto. Abanini nkomo bangena kuyo le ndlu inexhego bahlala. Kuthe kwakuba mzuzu imfama ihleli nethambo elo, ithe cwaka, yavakala isithi, "Abantu bakwaTswane sebemkile na?" Kuphendule abanini nkomo bathi, "Ewe, abasekho." Iirholile ithambo yavakala isithi, "Masinqunquthe ithambo lenkomo yakwaTswane." Babanjwa ngaloo ntetho abantu balo mzi. UCharles Phamla wazalwa ngaloo veki babanjwa ngayo. |
| Umbulali weembiza ... | Kuba ebehamba ephalaza utywala akubufumana endlwini yegqobhoka. |
| UMjikelezi ... | Kuba ebehamba eshumayela iVangeli. |
| Lesiphe-kepheke ... | Kuba ebeshumayela abantu boyike, bakhale. |

### EzikaRev Eben. P. Koti

| | |
|---|---|
| Zeentsuba ... | Zeemvaba. |
| Joni ... | Uyise wenkosikazi yakhe ePeelton. |
| Ngomtho-nyama ... | Umthonyama ngamazantsi obuhlanti apho umgquba umninzi khona. |
| EZingqayi ... | IZingqayi zisemantloko eDike. |
| Inkongo ... | Ingoma engayekwayo, evunywa kwenziwe isangqa, kubethwa izandla. |
| Melika ... | Kuba wakha wawela wasinga kwelaseMelika. |

### EzikaRev Candlish Koti

| | |
|---|---|
| Zechitywa ... | Imbola. |
| Yipon'am ... | Kutshiwo kuba emfutshane ngesithomo. |
| Ekhwelwe ... | Kuba yendiselwe. |
| IziKotshi zayiboleka ... | Kutshiwo kuba wakha wawela wasinga phesheya kwelamaSkotshi. |
| UGilesi ... | Yinkosikazi yakhe. |

| | |
|---|---|
| Ncisininde ... | Apho angumfundisi khona ngaseTsomo. |

### EzikaRev Bryce Ross, D.D.

| | |
|---|---|
| Mcokeli ... | Kutshiwo kuba ebengumguquli weziBhalo ukuziguqulela esiXhoseni. |
| Yehlathi ... | Kutshiwo kuba isikolo sakhe siphantsi kwehlathi likaHoho. |

### EzikaRev J.K. Bhokhwe

| | |
|---|---|
| Mdenge-entonga ... | Kutshiwo kuba noko amfutshane ufikelela kwiindawo zamadoda amade engxoxweni. |
| Mina ... | Yintombi enkulu kaDr Stewart apho umfundisi lo ebebhala, egcin'iincwadi zemali khona, eDikeni. |
| Kumnakwabo ... | Kuthethwa uMnu Stephen, kuba uMnu Bhokhwe wayewele waya eSkotilani. |
| USomgxada ... | Ngu-Dr. Stewart. |
| EMgwali ... | Kuba uMrs. Bhokhwe yintombi eyafunda kwisikolo saseMgwali. |

## Izibongo zeenkomo namahashe

### Ezehashe likaBhaca Sishwali

| | |
|---|---|
| Esirhosheni ... | Lilizwi elihlonipha umphantsi womntu. |

### Ezexhaka likaMeyi Faxi

| | |
|---|---|
| Ngamakho-lokholo ... | Babhitye kakubi. |

### EzikaNgalomhlophe, ixhaka likaBhavuma Mbandazayo

| | |
|---|---|
| Ingqaza ... | Ingqaza yintsimbi eyenziwa ngamaso abomvu, amnyama, namhlophe. Inxitywa entloko ngamakhwenkwe, ize kubekho inxenye yayo ejinga ngasemva. |
| Umkhango ... | Umkhaba. |

### EzikaNtshulantshula

| | |
|---|---|
| Yimirhula ... | Imirhula zezi nyokana zabafazi kuthiwa zidla abantwana ngaphantsi. |
| Makay'endle-leni ... | Aye kusebenzela iinkomo ngokumba indlela. |

### EzikaNgaba-Mhlaba

| | |
|---|---|
| Tiba ... | Uninakhulu woyise kaMadaleni. |
| Mjatya noCebo ... | Oonyana bakaTiba. |
| Magingxa ... | UmGcaleka. |
| Mkhontwana ... | UmGcaleka. |
| Phuku ... | UmGcaleka. |
| Ngxokela ... | UmNgqika. |
| Tyheke ... | UmNdlambe. |
| Nezikhwa-baba ... | Isibhaxa seNxarhuni. |
| Gqwayi ... | Oko kukuthi, leMfengu. |

### EzikaLubusi, iqegu likaMangona Kaka

| | |
|---|---|
| UJakuja ... | Ligama lengoma yamaXhosa. |
| Ngengxobo-ngwana ... | Ligama lesifo ebesikho nyakana kwaluka uSandile. Bebesuka abantu bajaduke, abafazi baphume izisu. Sasesiba yingoma ekuvunywa yona. |
| Ujaka ... | Ligama loduli. |
| Amarholo ... | Amasi. |
| Imihali ... | Ligama lokuhlonipha umgodo wezinja. |
| EQhamtweni ... | IQhamtwa yindlu ehlal'inkosi namaphakathi amakhulu. Ikwaligama lokuhlonipha imvaba. |
| ESiqithini ... | E-Ingilane, kwelamaNgesi. |
| Saziphethu ... | Alila amehlo. |

### EzikaMagamagwetyiwe

| | |
|---|---|
| Jiningisi ... | Mr. Jennings, imantyi endala yaseMonti. |
| UMagila ... | Mr. McGrath obeyifama eMdantsane ngaseMonti. |
| Tomsana ... | Mr. Thompson obelifama kwangeseMonti. |
| Mdyogolo ... | Mr. Adkins ongumfama eMdikido ngaseMonti. |
| Dekisini ... | Mr. Dickson, umfama. |
| Ngepanto ... | Livithi ekuwelwa ngalo ichweba leQonce. |
| Lithuntubeza ... | Ukulithetha kuhle, kancinane. |
| Gqwarhu ... | KwaNdlambe. |
| Gaxa ... | KwaNdlambe. |
| Mbede ... | KwaGcaleka. |
| Mbombo ... | KwaNgqika. |
| Ngxwala ... | KumaGqunukhwebe. |

### EzikaNgcombela, iqegu likaVenfolo

| | |
|---|---|
| Gxiya ... | Intaka. |
| Enqankaleni ... | Ehlwempini. |
| Nomzanga ... | Nomzanga, ingoma yamaxhego evunywa mhla kutshila abakhwetha. |
| Ehe ... | Ligama lokuhlonipha ubudoda. |

### EzikaNtaka-Mhlophe

| | |
|---|---|
| Imhlophe ... | Kuthethwa kuba iqatywa ngekalika emlungwini. |

### EzikaNonyaka, imazi kaQoba

Kholiwe ... Sisibonda saseDongwe.
Maphisa ... LiZizi laseDongwe.
Dunga ... IZizi elihlala eDongwe.
INyharyorha ... Ngumlambo ongaseMkhangiso.

## INgqokelela yezibongo

### EzikaMdyogolo Xhotho

Nongeshana ... Ngamaso eberhwexwana, emhlophe, abethengiswa ngabelungu kumaXhosa phambi kwemfazwe yeZembe. Afika kweli lizwe kunye nezintsimbana kuthiwa ngamatyhantyala namakalamsha.

### EzikaDyantyi Mvimbeli

Izaka ... Ngulo mkhonto uqoqiweyo kubinzwa ngawo.
Rhilirha ... Ngumfulana okwiZele likaDlongwana.
Rhweya ... Ngomny'umfulana okwakhona.

### EzikaMhlakaza Ndalasi

Olofele ... Kukuthi old fellow.
Umangcaka ... Amangcaka ziinwele ezinde eziyaphu-yaphu njengezomlungu.

### EzikaCitshe Durhana

Izinzabela ... Kuthethwa amazinyo neempondo kuba bekunzatyelwa ngawo.

### Ezoonyana bakaMrhaya Mbarhu

Ndiyavamba ... Kukuwuchucha umzimba ngesilanda nemela.

### EzikaMoses Xhakalashe

Zimahola ... Zikhulu.
Waqash'u-phahla ... Wafilish'intombi endalileyo.

### EzikaLisani Ngxoko

Lefele ... Oyirifle.
Bholsiki ... Sisifo esuke inkomo ibe namakhalane, ingcungcutheke.

### EzikaZandile Sobhijase

Wegitsha ... Yinkakana encinane ekwazi kakhulu ukuzimela. Umntu othi akuzimela angabi nakufunyanwa kuthiwa, ligitsha.

### EzikaRobert Pepe

Kwawama-ndulo ... Kwamadala, kwawakudala.

### EzikaGoniwe Gxavu

Nyombolo ... Yomnt'obomvu.

### EzikaPascoe Koti

Ucango ... Kuthethwa kuba esebenza eofisini.
Tomsana ... uMnu Thompson oyimantyi yakwaCentane.

### EzikaSaphulaMxhaka Koti

AmaSarha ... NgamaLawu; mhlawumbi abantu abahamba befuna umqombothi, uJongwa-liphela.
Lemskuni ... Yiremskuni le kuqhotyoshwa ngayo inqwelo.
Kiloko ... Butywala bomlungu.
Jamani ... Kuba engumfama.

### EzikaKhwezi Koto

Enkuma-ndeni ... Empini.
Ngumqwa-bulo ... Umntu ongenanwele, ongenamisebe.

### EzikaDyan Koto

Kukhunkutha ... Ukukhunkutha kukubetha into eleleyo, eludwamba.

### EzikaMshweshwe Bayedwa

Kuseduze ... Kukufuphi.
Undentani na ... Undenzani na.
Unditekile na ... Undithengile na.
Licatimla ... Lizidla.
Ngelisepha ... Ngesepha.
Intyikityhawe ... Inyhikityhawe.

### EzikaMeveni Mangele

Mpelesi ... Impelesi yintombazana ehamba nomntwenyana xa aya emzini wakhe, ukuba iye kumqhelisa. Ngoku intombazana ebamba umntwana sekusithiwa yimpelesi.

### EzikaJohn Dlabazana

Ngedada-ngule ... Yingca ende ebekusenziwa ngayo intambo kudala.

### EzikaMagwaza Memani

Ngumxhala-gube ... Umthana oneenkozwana ezityiwayo.
Umbingelelo ... Ukubingelela ibilisiko lamaXhosa ebelisenziwa ngokuxhelwa kwento ehambayo. Iminyanya ibixoliswa ngokwenzelw'idini, kubingelelwe. Iinkosi zamanzi bezixoliswa

ngokwenzelw'idini ngomnt'obizwe ngumlambo. Oomagqirha bebebingelelwa. UMlanjeni mhlana wathi, umzi mawubingelele iinkomo ezimdaka. Umntwana ube bingelelelwa mhlana umdlezana aphumayo, ngokuthi kuxhelw'ibhokhwe; yaye yonke le nto ibisenzelwa ukuxolisa iminyanya ukuba yenze chosi, kube hele, kulowo wenzelwe idini, ukuze athi ukuba ubesifa aphile.

Zadl'entloko ... Kuthethwa kuba umninizibongo ezi enamatshanda entloko.

Isicith'esinerhorhwana ... Ayasazi amadoda apho sikhona emntwini.

Zilidayi-dayi ... Idayi-dayi yinto eluhlantlalala.

ENkonkxeni ... INkonkxa ligama ekwabizwa ngalo indawo oondilele ebebebalekela bahlale kuyo, ngemfazwe kaNgcayechibi. Loo ndawo ibikwaXaxazele apho abazinikelayo, ukuphum'ehlathini, bebehlanganiselwa khona.

## EzikaMhlakaza Matshamba

Encalubeni ... Incaluba yingca apha eentyatyambo zimhlophe, ekufulelwa ngayo; abanye bathi ukuyibiza yincaluka, abaseMbo bathi yinkomfe.

Irhune ... Lixelegu, umnt'ophantsi.

## EzikaSigonyela Gcumeni

Inkumanda ... Impi. Ezi zibongo zakhe zixela mhlana kwalwa amaNgesi namaXhosa ngemfazwe kaNgcayechibi.

Sasingcangcatha ... Sasingalwi kuba sasisoyika, sasisenza inkwalambesa.

## EzikaVeyishiwe Geje

Nisina ... KuseKnysna.

Sokuhaka ... Sokuqhosha.

Unetyhalithi ... Unemali.

Ziziyikili ... Into eninzi.

Kuncethezwe ... Kucelwe kuye.

## EzikaSojini Khalipha

Liyangqenga ... Alinamntu ulithethayo, lithi lilapha libe likwenye indawo.

Madugula ... Mr. McDougal obenevenkile nebhaka.

Songxakangxaka ... Ligama lesiXhosa lika Mr. Birt owayezalana nomfundisi owazekayo waseNcemerha.

Ketile ... Mr. Kettles obengumfama.

## EzikaZibhoto Kuluto

Ngumbemberhana ... Intwana enqinileyo, eluhlazana, engathi ihlel'isozela.

Nogqeku ... Yingoma eyole kakhulu yamhla ngentlombe.

## EzikaNophokophelana Mgqomo

Intendele ... Luhlotyana lwezikhwatsha zamasandle.

## EzikaNgangi Bhukupeni

Bhotanisi ... Ngala maqhosha athungelwa ezingutyeni zamaqaba, nakwimibhaco.

Yingwane ... Iingwane zezi zixezwa elwandle.

Iinjwila ... Ziimbumbulu eziphos'abantu abe bedutyulwa, ze zithi zakudlula zifumanane nebekungadutyulwa bona.

## EzikaKolanti Kondile

Kolanti ... Liphepha leendaba, mhlawumbi isibhebhelele sencwadi ebhaliweyo.

Liziilali zingqungqquthela ... Kuthethwa kuba ilizwe loKumkanikazi ligqitywe ziidolophu, yaye loo nto yokuma ndaweninye kwabelungu, ezidolophini, sisimanga emaXhoseni.

Yagongqa ... Kucingelwa ukuba izibonda uRhulumente uzihlawula bakugqib'ukurhafa abantu, ngoko ke imbongi ithi, ibanjiwe ibhatalo yazo bade bonke abantu barhafe.

## EzikaJoyise Ngese

Thandiwe ... Ngudade wabo.

Ezantile ... Ulwatile ngumthi.

Oyinyaphopho ... Ozele ligazi.

## EzikaHalubesi Solfondorha

Ngomqathango ... Indlelana encinane, elucinya

Lidikazi ... Ngumlenze wangaphantsi enkomeni, ngecala elele ngalo.

## EzikaSkiti Gorha

Ndembelele ... Umntu ekuthiwa endembelele ngumntu omile kakuhle wonke ephela, waye elingene wonke umzimba wakhe, elibhuje.

Umnqwantsi ... Uyaziwa ngamadoda.

Ingqabalalana ... Intwan'ephaphileyo.

Unambunambukazi ... Into ehamba kakuhle, kancinane, ingangxami.

Zinxaxhazo ... Yintsimbi ebisakufakwa emaqatheni.

### EzikaKostini Qhorha

| | |
|---|---|
| Icub'elisixwe-xwe ... | Intembeleya. |
| Ugolweni ... | Yihafugolweni. |
| Isifatyi ... | Kukuqab'iinwele ngembola namafutha, uziyeke zome, zisuke zenz'amaqhina. |
| Amanqobo ... | Amadanda. |

### EzikaGeje Kulutha

| | |
|---|---|
| Holofele ... | Old fellow. |

### EzikaDawuwa Zenani

| | |
|---|---|
| Umbaba ... | Wild chestnut. |

### EzikaBhasopu Ngcule

| | |
|---|---|
| Impenge-mpenge ... | Into enganxibe-nto. |
| Ngunta-mekana ... | Lusana. |

### EzikaRhandoyi Khalipha

| | |
|---|---|
| Kuw'ama-thontsi ... | Kuw'iinyembezi. |
| Yinkamolula ... | Into ende. |
| Kondile ... | Mr. Calderwood. |
| Smithi ... | Sir Harry Smith. |
| Makinana ... | Colonel McKinnon. |
| YaManzi ... | Eli lelinye igama lemfazwe yeZembe, 1846. |

### EzikaNoneyi Mgqomo

| | |
|---|---|
| Imxanana ... | Igqib'indlu. |

### EzikaMwezeni Ntunjana

| | |
|---|---|
| Kurhinelwa ... | Kuhonjiswa. |
| Yingxobo-ngwana ... | Isifo ebesimhla umntu ebusweni inge yingqakaqa. |
| Lirhashalala ... | Ukujaduka kobuso. |
| Bhuku ... | Ncwadi. |

### EzikaMbendeni Mfazwe

| | |
|---|---|
| Enomhokane ... | Umhokwane yintsimbi yamaso ebisakufakwa ngabadlezana emqaleni. |

### EzikaHalom Soji

| | |
|---|---|
| Ivumbango ... | Ngumthi wokwanyiselela amankonyana. AbaMbo bathi ngowona Mhlavuthwa. |
| Imhaka ... | Yinyama yabafazi, umqolo. |

### EzikaJokoza Bikhwe

| | |
|---|---|
| Ngelene-thonto ... | Ithonto yintlanganiso enkulu yaxa kwaluswa amakhwenkwe, namhla ngentonjane, namhla ngomsitho woonyana beenkosi nabamaphakathi amakhulu. Ithonto ikwaligama lothangwana olubiywa ecaleni lendlu yomfazi ozele amawele, ize ecaleni lolo thango kutyalwe imithana yemihlonto, yaloo mawele, ibe mibini. |
| Daya ... | Mr. Dyer , Dyer and Co. |

### EzikaMazothe Ngecwa

| | |
|---|---|
| Amathongo ... | Amaphupha. |

### Ezika-Opulmani Hobovu

| | |
|---|---|
| Unotalaza ... | Ukutalaza kukukhangela ngokunga ungaqond'into. |
| Ngengcolo ... | Ingcolo ngumthi ofana nesaqoni odla ngokufunyanwa ngaselwandle. Incindi yawo injengeyekhala; uthi umntu akuyiva asuke adole. |
| Nentibane ... | Intibane ngumthana oyele kwimbuwa, otyiwa kakhulu ngexesha lendlala. |
| Simoko-thwana ... | Into equmbileyo, engathethiyo. |
| Sisangqu-ngqwana ... | Yiponi, yintwan'emfutshane. |

### Ezika-Enoch Rhune

| | |
|---|---|
| Impuza ... | Impuza yingqayi ngokwamaMpondo. |
| Iyosulela ... | Okokuthi iyasulela. |

### EzikaMkhwetha Rhangana

| | |
|---|---|
| Umsondlo ... | Ukufutha, ukwenz'intetho yokuvuyelela. |

### EzikaVenfolo Kaka, umCirha

| | |
|---|---|
| Lisibe ... | Udade wabo. |
| Yezishumane ... | Isishumane yintomb'endala engendiyo. Umntu ongakhathalele mankazana kuthiwa sisishumane. |

### EzikaNtshuca Kaka

| | |
|---|---|
| Yokuphunga ... | Kuba iyeza eliphunga ngobisi lwayo ilungis'iyeza. |
| Enamathe ... | Enqwenelwayo. |
| Kilawushi ... | Mr. Crouch, umLungu obelifama ngaseDonqaba. |
| Sifubasibanzi ... | Ligama uNtsikana awambiza ngalo uThixo, kuthe emva koko amagqobhoka kwathiwa ngoosifubasibanzi. |

### EzikaNkunkuma

| | |
|---|---|
| IGxegxesi ... | Igxegxesi ligxagxa. |

EzikaPlatyi Kaka

| | |
|---|---|
| Nomgedle-lana ... | Ngulo mpu kuthiwa nguNongadlela (a breechloader). |
| Isibango ... | Liyeza lokubulalana. |

EzikaBhawulisi Mangona

| | |
|---|---|
| Mlola ... | Izibuko eliseMbhashe. |
| Abatha-ndwayo ... | Ukuba bayenzelwe isikhaka. |
| Zandi ... | KwaGcaleka. |
| Thandela ... | Ixhiba likaGcaleka. |
| Xholobe ... | Isibhaxa seNciba. |

EzikaRhwaqushe Mangona

| | |
|---|---|
| Tyholohi ... | Isibhaxa soMgwali. |
| Msini ... | Isibhaxa seNciba. |
| Zingcuka ... | Isibhaxa seKhubusi. |
| Umyekethe ... | Umyekethe ngamanquma anxitywa entloko. |

EzikaPosi Venfolo

| | |
|---|---|
| Silandana ... | East London (eMonti). |
| Ngqukaqana ... | Draibosch. |

EzikaNgcuka

| | |
|---|---|
| Nodongwe ... | Yingoma yasentlombeni ekholisa ukuvunywa ngumthinjana. |
| Umqolowe-namba ... | Ligama kwalengoma. |

EzikaDaweti Dube

| | |
|---|---|
| Ndiliphu-nguza ... | Ndiyinto ehamba ingqiba. |

EzikaMkhumase Ngogwane

| | |
|---|---|
| Inyili nenyilana ... | Ngamazwi angafanele kubizwa ngabantu abangamadoda. Ayaziwa ngabafazi. |

EzikaKhumsha Mshumayeli

| | |
|---|---|
| Isiphekula ... | Indlala. |

EzikaMatebese Cadeka

| | |
|---|---|
| Ngocima-mehlo ... | Yinyokana yabafazi enjengomamlambo. |

EzikaQoba Tshongweni

| | |
|---|---|
| Yindlozi ... | Indlozi yinyamakazana eyele kwihlosi, koko incinane kunalo, yaye ingegwangqa kakhulu njengalo. |

EzikaKatikati Tshongweni

| | |
|---|---|
| Ungotawu-lele ... | ZiSeyidukwe. |

EzikaMnzwana Nkotha

| | |
|---|---|
| Impobole ... | Linquma elifakw'entloko, lenziwe ngesisila sikadyakalashe. |

EzikaGonyela Mpethu

| | |
|---|---|
| Ukungqin'u-mphefumlo ... | Ukuya ekilasini yerhemente. |

EzikaRhangayi Ngcelu

| | |
|---|---|
| Ludidi ... | Sabuya ... |

EzikaSomana Hlanganise

| | |
|---|---|
| Impande ... | Ubuthi. |
| Thangana ... | Sisiduko samaBamba eso. |

EzikaNdamase Somana

| | |
|---|---|
| Ungene ngebhayi ... | Ungalwanga. |

EzikaSipaji Ngqono

| | |
|---|---|
| Ngezica ... | Inkciyo. |

EzikaFolosi Bhala

| | |
|---|---|
| Xukazana ... | Ligqirhakazi eliqubula ngobulono. |
| Umrhula ... | Iinyokana zabafazi. |

EzikaNgankunzi Bhene

| | |
|---|---|
| Elitshinwa ... | Elenziw'umfazi. |

EzikaDolophu Mchontsi

| | |
|---|---|
| Abasentlakwe-ndlela ... | Ligama ekubizwa ngalo amaMfengu. |

EzikaSaqhwithi Magele

| | |
|---|---|
| iGosi ... | Lihlathi elikhulu kwaBomvana. |

EzikaNabhutse Funo

| | |
|---|---|
| uCwebhe ... | Lihlathi elikhulu eliphesheya koMbhashe. |

EzikaVeldtman Mqobi

| | |
|---|---|
| Wexhwarha ... | Amaxhwarha ligama elinje ngokuthi amagxabhuza. AmaGcaleka abizwa ngokuba ngamaXhwarha, ngamaBomvana, akuchithakala ngoNgcayechibi. |

Imbongi yakwaGompo nabanye

EzikaBhoto Mhleli

| | |
|---|---|
| Sonto ... | ICawa. |
| Umbingeleli ... | Umfundisi. |
| Emalanga ... | Emva kwemini. |
| Sotshalisi ... | KwaBhuluneli. |
| Ndomulile ... | Ligama elihlonipha ukuthi, ndidlile. |

## Isimbonono ngomfo kaKama

### EzeMbongi yakwaGompo

| | |
|---|---|
| Lixhonti ... | NguMatanzima Sandile lowo. |
| Nomqulu ... | IziBhalo eziNgcwele. |

### Izwi labantu

| | |
|---|---|
| Datisi ... | Mr. Duckles. |
| Heyi ... | Mr. William Hay. |
| Rogi ... | Mr. Rodgers, M.L.C. |
| Tomsana ... | Mr. Newton O. Thompson. |
| Tyholo ... | Mr. Matyholo. |
| Gadudu ... | Rev William Girdwood. Izibongo zika-1900 |

### EzikaGxoloxekhaya

| | |
|---|---|
| Tayi ... | NguNxele lowo. |
| So-Emma ... | Chief Sandile uyise ka-Emma. |
| Mbodla ... | Chief Mhala. |

### EzikaJonathan Nangu

| | |
|---|---|
| Dyani ... | Rev John Wesley. |

## Izibongo Ngezibongo

### Lifile Madoda

| | |
|---|---|
| Tshembaleni ... | Hon. J. Chamberlain. |
| Balforo ... | Hon. A. Balfour. |
| UMhlekazi ... | Lord Milner. |
| Ntsasana ... | Amajoni. |
| Pawuli ... | President Paul Kruger. |
| Shayina ... | Hon. W.P. Schreiner. |
| Hofmeya ... | Hon. Jan Hofmeyr. |
| Pitoli ... | Pretoria, ibhotwe lamaBhulu. |
| Sawa ... | Hon. J.W. Sauer. |
| Menemene ... | Hon. J. Merriman. |
| Bhula ... | General Buller. |
| Talana ... | Idabi elaliwa khona ngamaNgesi namaBhulu. |
| Landeslare ... | Langlaagte, apho kwaliwa khona elinye idabi. |
| Modolo ... | Modder River apho kwaliwa khona. |
| Stombelerhe ... | Stormberg, ngaseLuthuthu apho kwaliwa khona. |
| Gadaga ... | General Gatacre. |

### SingamaBritani

| | |
|---|---|
| Wayithi ... | Sir George White. |
| Dyubhele ... | General Joubert. |
| UMfazi ... | Queen Victoria. |
| Mnambithi ... | Ladysmith. |
| Krontyi ... | General Cronje. |
| Frentshi ... | General French. |
| Bhulthente ... | General Brabant. |
| Olive ... | General Oliver. |
| ESiqithini ... | St. Helena. |
| Stena ... | President Steyn. |
| John Bull ... | AmaNgesi. |
| Krunstadi ... | Kroonstad. |
| Ligwa ... | Vaal River |
| Solomoni ... | Sir Richard Solomon. |
| Tship-jeke ... | Ligama lembutho yabaseli botywala bomlungu. |
| Prinslu ... | General Prinsloo. |
| Ndivete ... | General De Wet. |

## Izithuko ngeZwi Labantu

### Izithuko

| | |
|---|---|
| Ihlengezi ... | Ngumthi wokuhlengezela. |
| Kota-mbola ... | Ukukota kukuqaba. |
| Bajikica ... | Batheth'injece. |
| Ombatshise ... | Owonakalise. |

### Leliba

| | |
|---|---|
| Luthiniko ... | Uthiniko yinto elukhuni. |
| Ngama-khanasi ... | Ngeento ezinkulu. |
| Yetyabakazi ... | Abafazi abatyebileyo abathandwayo. |